


**ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA****Imigaqo yokuMakisha uVavanyo lokuqonda**

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kukuqonda, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo kumele zingohlwayelwa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ukuqonda. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)
2. Ukuba umviwa usebenzisa olunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, loo magama mawangananzwa, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, musa ukumohlwaya. Ukanti ke, ukuba igama elisetyenzisiweyo lisuka kolunye ulwimi kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuya kwamkeleka.
3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga noluvo neengcinga zomviwa**, akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/Ukunika ubungqina/nokuxhasa zizo ezimele ukuqwalaselwa.
4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuqwalaselwe.
5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esisivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe njengokuchanekileyo **kuphela xa** igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/ligqanyisiwe.
6. Ukuba kufunwa iimpendulo ezimbini ukuya kwisithathu/amanqaku amabini okanye amathathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo, makisha **kuphela** isibini okanye isithathu **sokuqala**.
7. Kwamkele ukusetyenziswa kweelwimi zengingqi ezahlukileyo.
8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ngolu hlobo: Unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.



2014 -11- 07

PRIVATE BAG X 110  
PRETORIA 0001

PUBLIC EXAMINATIONS

## UMBUZO 1


### ISICATSHULWA A

- 1.1 1.1.1 NguMbhele/Ifani kaMichael nguMbhele. ✓ (1)
- 1.1.2 Uneminyaka eli-15/Une-15/Uneminyaka elishumi elinesihlanu. ✓ (1)
- 1.1.3 Bafuna ukumphakamisa kuba mncinci kwaye ufana nomntwana. ✓✓ (2)
- 1.1.4 UMichael ulungile/unobubele/unembeko/unceda abantu/ungumntu omnandi/umntu onobuntu. ✓  
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile.) (1)
- 1.1.5 Bendiza kuva buhlungu/bendiza kukhathazeka/bendingazi kukonwaba/ ndinganomsindo / ndiza kubaxelela ukuba andiyithandi le nto / ndiza kuthandaza/ bendiza kudikwa. ✓✓  
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile.) (2)
- 1.1.6 Bubuxoki. 'uMichael uphilile'. ✓✓ (2)
- 1.1.7 'Wayigcina kuye ingxaki yakhe.' 'akazange abaxelele ootitshala bakhe ngokubhubha kukamama wakhe.' ✓✓ (2)
- 1.1.8 Wagilwa yitekisi/Wasweleka engozini yemoto/ngeteksi. ✓ (1)
- 1.1.9 Uxelele inqununu nootitshala ukuba unina uswelekile. ✓✓ (2)
- 1.1.10 A/Ndiyavelana nawe Michael, musa ukulila. ✓ (1)
- 1.1.11 Yidesika ✓ nesitulo esincinane. ✓ (2)
- 1.1.12 Ukuba ngumdlali wefilimu. ✓ (1)
- 1.1.13 Indawo yomqhubi weeteksi. ✓ (1)
- 1.1.14 Ukrelekrele/Uneempawu zobunkokheli/uthabatha irejista/uvulela utitshala ucango. ✓✓  
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile.) (2)
- 1.1.15 Wonwabile / ubufutshane / ubude bakhe abumenzeli ngxaki. ✓ (1)
- 1.1.16 NguBaby Jake Matlala. ✓ Udlala amanqindi. ✓ (2)

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**

1.2	1.2.1	Ipere ✓	(1)
	1.2.2	10%/yi-10%/ziipesenti ezili-10/zilishumi/zili-10. ✓	(1)
	1.2.3	Sisiselo sediliya. ✓	(1)
	1.2.4	Ziipesenti ezintlanu/Ziipesenti ezi-5. ✓	(1)
	1.2.5	Isiselo semengo ✓ nesiselo se-orenji / imengo ne-orenji. ✓	(2)
			<b>[30]</b>

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**



X.N.  
SM AP  
5/11/14

2014 -11- 07

PRIVATE BAG X 110  
PRETORIA 0001

PUBLIC EXAMINATIONS

**ICANDELO B: ISISHWANKATHELO****UMBUZO 2**

## 1. Shwankathela ngezivakalisi ezipheleleyo

	Ukucaphula ngqo		Amagama/Amanqaku anokubhalwa
1	Ukuze isidlo sikanopotyi singatshi kwaye sibe nencasa kufuneka ungabasi umlilo omkhulu.	1	Basa umlilo omncinci ukuze isidlo singatshi. ✓
2	Xa umlilo wakho sele ulungile, beka unopotyi emalahleni ugalele intwana yamanzi nentwana yamafutha.	2	Sebenzisa intwana yamanzi nentwana yamafutha ukugcada itswele namakhowa. ✓
3	Galela ke ngoku udidi lwenyama oyithandayo, njengeyegusha, eyenkomo, eyenkukhu, nentlanzi engenamathambo.	3	Galela inyama oyithandayo uyeke imbiza imizuzu engama-45. ✓
4	Ungagalela neetapile, ikhaphetshu, umbona neminqathe, kunye nomxube wesiselo selamuni, uze emva koko uzamise imbiza yakho.	4	Khetha eminye imifuno oyithandayo. ✓
5	Emva kokuba uyivalile imbiza yakho, qiniseka ukuba umlilo wakho mncinci kwaye uyacotha kuba imbiza yakho kufuneka ihlale emlilweni iiyure ezimbini.	5	Vala isiciko uyipheke iiyure ezimbini. ✓
6	Ukuba imbiza yakho ivuthiwe uza kubona ngokusuka kwenyama emathanjeni kwaye nemifuno yakho iza kube ithambe kamnandi.	6	Ukutya kuza kube kuvuthiwe ukuba inyama nemifuno zithambe kakhulu. ✓
7	Ukutya kukanopotyi kumnandi kakhulu xa kutyiwa nerayisi emdaka, iirostile nethanga.	7	Yiphake nerayisi emdaka, iirostile nethanga. ✓

(amagama angama-45)

(7)

**OKANYE**

Basa umlilo omncinci ukuze isidlo singatshi. ✓ Sebenzisa intwana yamanzi nentwana yamafutha ukugcada itswele namakhowa. ✓ Galela inyama oyithandayo uyeke imbiza imizuzu engama-45. ✓ Khetha eminye imifuno oyithandayo. ✓ Vala isiciko uyipheke iiyure ezimbini. ✓ Ukutya kuza kube kuvuthiwe ukuba inyama nemifuno zithambe kakhulu. ✓ Yiphake nerayisi emdaka, iirostile nethanga. ✓

## Ukumakisha isishwankathelo


Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo-manqaku**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Inqaku elinye ngengongoma nganye).
  - Amanqaku ama-3 olwimi.
  - Amanqaku ewonke: 10
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo.**
  - 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
  - 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
  - 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.**
  - 6–7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Akunikezwa manqaku olwimi.
  - 1–5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Kunikezwa inqaku eli-1 lolwimi.

## QAPHELA:

- **Ubalo-magama:**
  - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
  - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwaqingqiweyo ungawahoyi alandelayo.

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**



## ICANDELO C: ULWIMI


### Ukumakisha iCandelo C

1. Upelo
  - limpendulo ezingoogama-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
  - Kwiimpindulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
  - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezo, impendulo iya kwamkeleka xa iimpawu zobhalo zichanekile.
2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.
3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ngolu hlobo: Unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo, okanye zombini.


### UMBUZO 3

- 3.1 C/Ngumatshini ococa yonke into. ✓ (1)
  - 3.2 Sijoliswe kubantu abasebenza kakhulu ekhaya./Sijoliswe kubasebenzi okanye kubacoci bendlu./Sijoliswe koomama. ✓ (1)
  - 3.3 Ukutsala umdla./Ukubonisa ukuba abathengi mabakhawuleze ukuya kuthenga kuba ungaphela msinya / bafuna abantu bayibone / ukucela amehlo. ✓✓ (2)
  - 3.4 Lo matshini ususa ntoni?/Lo matshini wenza ntoni? ✓ (1)
  - 3.5 B/Vuka ukuze ungaphoswa. ✓ (1)
  - 3.6 Umtshayelo/Ukutshayela/Umtshayeli/Abatshayeli. ✓ (1)
  - 3.7 oo-. ✓ (1)
  - 3.8 Hayi, kuba asingoomama bodwa abacoca emakhaya./Ewe, kuba abona bantu bacoca amakhaya ngoomama. ✓✓ (2)
- (Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)

[10]



X.N.  
SM P  
5/11/14

**UMBUZO 4**


- 4.1 Mde. ✓ (1)
- 4.2 Tyhini! ✓ (1)
- 4.3 Sukundibuza/Musa ukundibuza! ✓ (1)
- 4.4 Ndi(ya)yikhangela kwikhaya lesithandwa sam. ✓ (1)
- 4.5 Uthando/Isithandwa/Izithandwa/Ukuthanda/Intando. ✓ (1)
- 4.6 Uyafuna / ufuna. ✓ (1)
- 4.7 A/Wothukile. ✓ (1)
- 4.8 Ngumntu onamaqhinga/Ngumntu ongathembekanga / ungutsotsi / umntu oxokayo / umntu owenza izinto ezimbi. ✓ (1)
- 4.9 Khawuze. ✓ Ukukubetha. ✓ (2)
- [10]**

**UMBUZO 5**

- 5.1 5.1.1 Amakhaphetshu ✓/libhanana ✓/Ama-apile ✓/Amapere ✓/li-orenji. ✓ (1)
- 5.1.2 lintlanzi. ✓ (1)
- 5.1.3 Ayiphilanga. ✓ (1)
- 5.1.4 Libala. ✓ (1)
- 5.1.5 (a) Imizimba yethu iza kuyifuna inyama. ✓ (1)  
(b) Imizimba yethu ibi(yi)funa inyama. ✓ (1)
- 5.1.6 Azithandani/Azivani/Ziintshaba/bayalwa/bayaxabana. ✓  
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka) (1)
- 5.1.7 Ezisibhozo/ezisi-8. ✓ (1)
- 5.1.8 C/Zonwabile kakhulu. ✓ (1)
- 5.1.9 Sitye. ✓ (1)
- 5.1.10 Ukutya okunempilo kufunwa ✓ yimizimba ✓ yethu. (2)
- 5.1.11 (a) Asiyonyama. ✓ (1)  
(b) La. ✓ (1)

- 5.2 5.2.1 Ndibona izitulo ezithathu/Ndibona izitulo ezi-3 / 3 / ezintathu. ✓ (1)
- 5.2.2 Sikhulu. ✓ (1)
- 5.2.3 Buza kubawo! / Buza ✓ (1)
- 5.2.4 Yizani nibukele ✓ iifilim ezinomdla! ✓ (2)
- 5.2.5 Itikiti libiza iirandi ezingama-40 ✓/Itikiti libiza iirandi ezingamashumi amane. ✓ (1)
- [20]

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**





PRIVATE BAG X 110  
PRETORIA 0001

**PUBLIC EXAMINATIONS**

## ICANDELO D: UNCWADI

### Imigaqo yokumakisha

1. Ukuba ukunombola iimpendulo akuhambelani nombuzo, makisha ngokukhokelwa yimemo.
2. Ukuba isiphene sopelo sichaphazela intsingiselo yempendulo efunekayo, oko kuthabathelwa amanqaku. Ukuba intsingiselo ayichaphazeleki, oko kumakishe njengokuchanekileyo.
3. Ukuba umviwa uphose ukusebenzisa iimpawu zocaphulo xa eyalelwe ukuba makacaphule, **musa ukumohlwaya**.
4. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga noluvo neengcinga zomviwa**, akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/ukunika ubungqina ngento / nokuxhasa zizo ezimele ukuqwalaselwa.
5. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Isizathu/ukunika ubungqina/nokuxhasa zizo ekumele ziqwalaselwe.

### UMBUSO 6

#### UNGODONGWANA – PM Ntloko

- |     |       |  |     |
|-----|-------|--|-----|
| 6.1 | 6.1.1 | 'Mhlekazi'. ✓  | (1) |
|     | 6.1.2 | A/Akakwazi nokuthetha. ✓   | (1) |
|     | 6.1.3 | Selelele kobandayo/umoya wakhe udada kwelemimoya. ✓  | (1) |
|     | 6.1.4 | Ungumntu ocebisa iNkosi uJobe/Liphakathi leNkosi uJobe. ✓✓   | (2) |
|     | 6.1.5 | Uyintombi kaJobe. ✓  | (1) |
|     | 6.1.6 | Ubika into yokuba uTana ufile. ✓ UNgodongwana naye uza kusweleka ngenxa yokungxwelerheka. ✓  | (2) |
|     | 6.1.7 | Kuba oonyana ababefuna ukumbulala nabo bahlaselwe. ✓✓  | (2) |
|     | 6.1.8 | Ziindlavini ezintathu/Ngabafana. ✓   | (1) |
|     | 6.1.9 | Bacima isibane ✓/Bahlasele oonyana ngemikhonto emdudweni ✓/ UTana wahlatywa wafa ✓/UNgodongwana wahlatywa ngomkhonto kodwa wabaleka. ✓ |     |

(Naziphi iimpendulo ezintathu kwezi ziyakwamkelwa)


- 6.1.10 Wayefuna ukuqonda ukuba uNgodongwana usindile na/usaphila na. √√ (2)
- 6.1.11 NguNgodongwana. √ (1)
- 6.1.12 Babelusizi/babekhathazekile (Balila bobabini). √ (1)
- 6.1.13 Wayeqonda ukuba mdala. √ (1)
- 6.1.14 Wabeka uMawewe esihlaweni sakhe sobukhosi. √ (1)
- 6.2 6.2.1 Ucetyiswe nguDingiwe. √ (1)
- 6.2.2 Uyinkosi yamaHlubi. √ (1)
- 6.2.3 UCowan ebebopha inxeba likaBhungane. √ (1)
- 6.2.4 UCowan unika iingcebiso malunga nemikhosi. √√ (2)
- 6.2.5 Ngabelusi. √ (1)
- 6.2.6 Wayengafuni ukuba inxeba lingenwe yingqele nothuli. √√ (2)
- 6.2.7 Wayeze kucela umsebenzi. √ (1)
- 6.2.8 Wayefuna ukukhusela ubomi bakhe./Wayezimela ukuze angafunyanwa ngutata wakhe. √√ (2)
- 6.2.9 Wayefuna ukuzifihla hleze utata wakhe amfumane. √√ (2)
- 6.2.10 Uqaphela ubunzima balo ngokungathi lelasebukhosini./Waqaphela ukuba unegazi lasebukhosini. √√ (2)
- 6.2.11 Lilizwe labaThethwa. √ (1)
- 6.2.12 D/Nabelusi. √ (1)
- 6.2.13 Wayiphathela ithole lengonyama. √ (1)
- 6.2.14 UBhungane wamenza uDingiswayo ukuba abe ngumphathi wesixekwana. √√ (2)
- [40]

OKANYE

PRIVATE BAG X 110  
PRETORIA 0001

PUBLIC EXAMINATIONS

X-N-  
SH PD  
5/11/14



## UMBUZO 7


## IHOLIDE EBIWEYO – J William noT Ntshinga

- 7.1 7.1.1 Imoto yabo ibiwe. √√ (2)
- 7.1.2 Usapho lukaRobert luselwandle / luselunxwemeni.√ (1)
- 7.1.3 Ngabakhenkethi / ngabatyeleli. √ (1)
- 7.1.4 Wayecinga ukuba uza kufumana amasela abe imoto yakhe. √√ (2)  
(nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka)
- 7.1.5 Waqaphela uBuso-bukrwentshiweyo. √ (1)
- 7.1.6 Wayehlola abantu abasandula ukufika. √ (1)
- 7.1.7 Ewe. Bakhe bambona behamba esantini ngaselwandle / Bakhe bambona ngemini yokuqala eholideyini. √√ (2)
- 7.1.8 URobert wazifihla kwisikhuseli sabahambi ngebhasi / Waqinisekisa ukuba yona ayimboni. √√ (2)
- 7.1.9 Waya egaraji wafowuna kwifowuni kawonkewonke / Waya erenkini yeteksi / waya ngasezindlwini zabakhenkethi. √√ (2)
- 7.1.10 B/Wamlandela ehambela kude. √ (1)
- 7.1.11 Yikhombi ebomvu. √ (1)
- 7.1.12 D/Wayibalekisa kakhulu imoto. √ (1)
- 7.1.13 Ubonisa abantu iteksi / unceda abantu erenkini yeteksi. √ (1)
- 7.1.14 Waya erenkini wakhwela iteksi walandela uBuso-bukrwentshiweyo / wabuza umququzeleli ngendawo eya kuyo iteksi ebomvu. √√ (2)
- 7.2 7.2.1 NguGrace. √ (1)
- 7.2.2 Ufuna ukuba kukhangelwe uMichael kunye noElizabeth/ Abantwana bakhe. √√ (2)
- 7.2.3 Imoto yakhe isanda kubiwa / waziva enetyala ngokuba eshiya abantwana emotweni. √ (1)
- 7.2.4 Kwafika amapolisa amabini. √ (1)
- 7.2.5 Acela iinkcukacha zabantwana/iinkcukacha zemoto ebiweyo. √ (1)
- 7.2.6 Lisebenzise irediyo / unomathotholo. √ (1)
- Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

X.N.  
SM PP  
5/11/14

- 7.2.7 Bubuxoki. Elinye lamapolisa lathi, 'Ungakhathazeki.' / "Siza kwenza konke okusemandleni." ✓ (1)
- 7.2.8 Zintathu iimoto ezibiweyo. ✓ (1)
- 7.2.9 Zibiwe ngootsotsi/ngamatshijolo / nguBuso-bukrwentshiweyo nendoda enamagxa abanzi. ✓ (1)
- 7.2.10 Wafumanisa ukuba ikhadi lakhe lebhanki libiwe. ✓ (1)
- 7.2.11 Indoda yangila ngasematshinini webhanki lawa phantsi ikhadi likaRobert. ✓ Indoda yalithatha yamnika ikhadi elingelilo. ✓ (2)
- 7.2.12 Aza kucela izitishi zerediyo ukuba zisasaze ngale nto yokulahleka kwemoto yakhe nabantwana. ✓✓ (2)
- 7.2.13 Hayi babefuna imoto kuphela kuba bagxothe abantwana emotweni. ✓✓ (2)
- 7.2.14 Baziva bevuya kakhulu bakubuya abantwana babo / baba nombulelo. ✓ (1)
- 7.2.15 Bendingazi kubavumela abantwana bashiyeke emotweni. Kuba kuyingozi kakhulu ukwenza njalo. ✓✓ (2)
- (Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka) (2)

AMANQAKU ECANDELO D: 40  
AMANQAKU EWONKE: 120



X.N.  
SH PP  
5/11/14